INkosi mayibe nani

Ibe nawe kanjalo

Phakamisani iintliziyo zenu

Siyaziphakamisela eNkosini

Masiyidumise iNkosi yendalo yonke

Masiculele eNkosini iingoma zendalo

Masibulele kuThixo, uMdali, uMthandi, noMgcini weNdalo yonke

Masigcobe kuMenzi wethu, uMgcini noMxolelanisi

Wathetha iLizwi kwaza konke okuseZulwini nasemhlabeni, zonke izinto, zaba khona. UMoya wakho wabhabha phezu kwezinto zokuqala, wazisa ukuphila ngeendlela ezininzi ngokungenakubalwa, kuquka nalo mhlaba wethu ubuthathaka, nathi siphakathi kwezinto eziphilayo kuwo.

Nanjengoko ixesha lethu elidlulileyo likuwe, kananjalo nexesha elizayo likuwe.

Njengokuba siphambukile endleleni yakho, siyaphinda kwakhona sibuyela kubushushu bothando lwakho.

Ngawe zonke izinto zifumana ubomi obutsha

Ngoku ke kunye nendalo yonke, siphakamisa amazwi ethu sivakalisa ubukhulu nobuqaqwuli begama lakho:

UyiNgcwele, uyiNgcwele, uyiNgcwele Thixo wemikhosi

Izulu lizele kwanomhlaba bubuqaqawuli bakho. Hosana enyangweni.

Makabongwe lowo uzayo egameni leNkosi.

Hosana enyangweni.

Wathi ngobo busuku awanikelwa ngabo, wathabatha isonka, umsebenzi wezandla zabantu, isipho somhlaba wethu, wabulela kuThixo. Wasiqhekeza isonka khonukuze athethe kuthi ngokuqhekezwa komzimba wakhe emnqamlezweni. Wasinikela kubahlobo bakhe esithi: thabathani nidle, lo ngumzimba wam onikelwa nina. Oku kwenzeleni ukundikhumbula.

Wathabatha iwayini, umsebenzi wezandla zabantu, isipho somhlaba wethu, wabulela kuThixo, uMdali. Wayigalela iwayini ethetha nathi ngokuphalala kwegazi lakhe. Wanika abahlobo bakhe esithi:eli ligazi lam lomnqophiso omtsha, eliphalalela nina nendalo yonke khonukuze nixolelwe izono, ngamaxesha onke enisukuba niyisela iwayini, oko kwenzeleni ukundikhumbula.

Ngoko ke sivakalisa imfihlelo yokholo

UKrestu ufile

UKrestu uvukile

UKrestu uya kubuya eze

Ngako oko Thixo, thina esifuna uxolelwaniso nawe, thina esifuna uxolelwaniso nabanye, thina esinethemba loxolelwaniso nendalo yonke, sisondela kule mfihlelo.

Ngokuqhekezwa, ngokuphalala nangokungcwatywa, ubomi baphinda bavuka. Ekuqhekezweni kukho ukuvuleka, ekuphalaleni kukho iingcambu zokwabelana; ngokufa nokungcwatywa, kukho imbewu yobomi obutsha obuzayo.

Njengoko sijonge emhlabeni wethu, kubomi bethu nakwiintliziyo zethu, sijonge ukubuya kwakhe kwesibini, sigcine kufutshane nalo mbono esiwubonileyo. Ngokusinika isonka newayini, sixolelanise nelizwe lethu usiphe ubunye, umanyano oluphalalayo, nokungcwatywa okuvukileyo esinokubuyisela ngako indalo yakho kuzalisekiswe intando yakho.

Thumela ngaphezu kwethu, naphezu kwendalo yakho yonke, uMoya ozisa ubomi owaqala ukushukuma emanzini anzulu. Shukumisa kuthi isiphiwo sendalo usindise intshabalalo. Simanye nawe ngomzimba negazi loNyana wakho, iLizwi lakho lenza inyama nanjengoko iLizwi lakho sele liyenzile inyama.

Okwathi ngaye, nangaye, kuye kumanyano loMoya wakho oDalayo, nako konke okubekhona, nokukhona, kuya kuba khona kwindalo yakho, sima phambi kwakho sikunqula, Thixo wezinto zonke, ngeengoma zokudumisa zaphakade,

Intsikelelo, imbeko, uzuko namandla ngawakho ngonaphakade kanaphakade. Amen